

WoH 148

Ukwamkela nje ngowakho _ ukwamkelwa kukaMosisi

Ezobomi: Ukwamkela nje ngowakho - ibali likaNokhwezi

Ezomphefumlo: uMosisi wayamkelwe nje ngowalapho

Intloko engundoqo: Unxulumano / usapho

Intlokwana: Ubuzali

Isiqulatho sezobomi: uNokhwezi uyavuya ukuba wamkelwa nje ngowekhaya...wakufumanisa oko kamva ebomini bakhe

Isiqulatho sezomphefumlo: Ukwamkelwa kuka Mosisi yayiyinxalenye yecebo likaThixo lokukhulula amaSirayeli ebukhobokeni

Isalathiso: Eksodus 2:1 - 10

Ingongoma sifundo: uThixo usebenzisa abantu neemeko , kumacebo neenjongo zakhe siquka nokwamkela umntwana nje ngowakho.

Intshayelelo

THEMBELIHLE: Kha ube nomfanekiso-ngqondweni wokuba umama wakho akuhlalise phantsi athi uza kukuxelela into elihlebo ayigcine kuye iminyaka ngeminyaka. Cinga ke xa eli hlebo linokuvezwa, ubomi bakho bonke bungachukumiseka....indlela obusoloko uzazi ngayo - itshintshe yonke into obucinga

ukuba uyiyo. Iyoyikisa le nto , akunjalo ? Yenzeka le nto kundwendwe lwethu lwanamhlanje. Hlala nathi uve ukuba elakhe ihlebo lalisithini na.

UMCULO

THANDOKAZI: Molo mphulaphuli , wamkelekile kwinkqubo iAmanenekazi eThembandiyabuvuyela ubukho bakho enkqubeni. NdinguThandokazi.

THEMBELIHLE: Molo Thandokazi , molo nawe mhlobo , uNokhwezi uza nebali lakhe.

THANDOKAZI: UNokhwezi unebali elithetha ngendlela awafumanisa ngayo imfihlelo yosapho neyathi yachaphazela indlela abona ngayo ubomi ngakumbi obakhe. Ndiyavuya uzile Khwezi.

NOKHWEZI: Nam ndiyakuvuyela kakhulu ukuba lapha.

THANDOKAZI: Kha uthi gqaba - gqaba ngebali lobomi bakho ntombenkulu.

NOKHWEZI: Ndingoyena mncinane ebantwaneni abathathu ekhaya , kwaye ndikhule ndonwabe kakhulu . Kwakungagqibelelanga yonke into ngam. Umzekelo , ndazalwa nehleza elixegayo. Ndahlinzwa ukuzama ukulilungelelanisa. Ndandibuhwalela ndada ndaneminyaka emihlanu ubudala.

THANDOKAZI: Uye wandixelela ukuba wamkelwa nje ngomntwana wabazali okhuliswe ngabo kodwa ungengowabo. Wayifumanisa njani loo nto , nini ?

NOKHWEZI: Eneneni , bekukulo nyaka udlulileyo ngoOkthobha. Ndandihambe umama. Kwakumalunga nemini yam yokuzalwa. Ndandilungiselela ukubuyela emzini wam. Umama uqale ngokundibuza umbuzo othi " ucinga ukuba ndingumama onjani?" Ebengumama oqotho kwaye uya kusoloko enjalo. Wasoloko wandibonisa uthando lwakhe , sonke nje wayesoloko esenza sizive sithandwa , sikhuselekile.

Waza wathi , " ndingathanda ukukuncokolela ngekhaya eli lethu nemvelaphi yethu " Ndandicinga ukuba ndiyayazi , kodwa kwakukuninzi endandingakwazi. Ndandinosisi omdala kum. Wasweleka eminyakeni eliqela edlulileyo. Umama waphuma isisu kathathu emva kokuzalwa kukadade wethu. Babecinga ukuba esibhedlele uza kufa emva kokulahlekelwa ngulo wokugqibela umntwana , kodwa uThixo wabusindisa ubomi bakhe. Kwakunzima kuba ugqirha wamxelela ukuba akazi kuphinda akhulelwe abanye abantwana. Umama wayebathanda abantwana. Akuva ukuba akazi kuphinda abe nabo , yabaphatha kakubi bobabini loo nto. Waqhubeka umama nebali wathi " Kodwa uThixo wabavulela umnyango ongomnye kuba ngo Matshi 1957, wazalwa umnakwenu , " wanqumama umama ukuthetha kancinci , " kwaza ngoMeyi samamkela nje ngomntwana wethu" Akugqiba ukuyithetha le kamnakwethu into

ndathi kuye " Nam ndamkelwe nje ngowenu , andithi ?

Wathi ke yena kum "Ewe kunjalo " Yandothusa into yokufumanisa le meko ebudaleni , iminyaka engama42 ke pho ! Sathula sobabini umzuzwana. Zange ndikhe ndikukhathalele ukujonga ukuba ndifana nomama okanye utata. Loo nto yayingabalulekanga kum. Ndatsho ndaqapela ukuba udade wethu lo wayefana nabazali bam - yayikukuphela komntwana wabo ngqo - ozelwe ngabo.

THANDOKAZI: Kha usibuyisele ngokukhawuleza kulaa mzuzu wenyaniso. Wawothukile andithi? Kodwa umothuko wazinza ekugqibeleni: olu lwazi lutsha lokwamkelwa kwakho nje ngomntwana wabazali aba, kwatshintsha ntoni kuwe ngawe ? Ngaba kwatshintsha indlela oziva nozibona ngayo?

NOKHWEZI: Andiboni ngathi ulwazi olunje lwanditshintsha ngendlela embi. Ndaweni yoko lwandenza ndazibona nje ngomntu obaluleke ngokukodwa....ukuba abazali bam bakhethe mna. Xa abazali bam babeyokufuna umntwana okokuqala bakhetha inkwenkwe. Babengavumelekanga ukuba babe nentombazana emva kokuphuma kwesisu sokugqibela. Babengafuni ukuphelela kuloo nto babeyicetyiswa , babenqwenela intombazana , baza ngenxa yoko bafumana mna ke.

Yazi le meko indenza ndicinge kakhulu ngegama lam nentsingiselo yalo. Igama lam uNokhwezi lixela intsasa , ungalifanisa nengomso eliaqambileyo. Ndinga ukuba ngenxa yokuba ndaba ngumntwana owamkelwa nje ngowabo , ubukho bam kwabanika ithemba elitsha abazali bam ebomini babo. Kanti ke ndimcinga kakhulu umama wam ondizalayo , nokuba wayekwiimeko ezinjani ukuze agqibe ekubeni anikise ngam. Andazi nto ingako ngaye. Ndazi nje ukuba wayeyintombazana eselula ukukhulelwa kwakhe kwaye ndiyamcingela ukuba inoba yamchukumisa njani kangakanani na yonke le indima ebomini bakhe.

THANDOKAZI: Uyakunqwenela na ukumfumana umama wakho wendalo , nditsho lo ukuzalayo ngqo ?

NOKHWEZI: Ewe, ndiyafuna. Ndingathanda ukumbalisela ngobomi bam. Nokumbulela futhi. Andiwazi amalungelo okunyula anokuba wayenawo nje ngentwanazana ekhulelweyo , ingatshatanga. Ndiyazi ukuba ingxaki aphume kuyo inokuba yayinzima kakhulu. Ukuba usaphila , ndiyacinga ukuba ngahle uyazibuza naye ukuba kunokuba kwenzeka ntoni kolwaa sana luyintombazana wayeluthwele iinyanga ezilithoba. Ndingathanda ukumbalisela nokuba uThixo wabalungiselela mna abazali bam. Indlela le andisikelele ngayo uBawo ngenxa yaloo meko kanye nendlela andikhathalela ngayo , nangona ubomi bam bungafezekanga . Akekho onobomi obuyinto yonke egqibeleleyo kodwa uThixo undihoye inyathelo ngalinye endilithathayo ebomini apha. Ndingathanda ukuba ayazi loo nto , athi ukuba akangomlandeli kaYesu , ndingakuvuyela ukwabelana naye iindaba ezilungileyo zikaYesu. Ndingafuna ukwazi nokuba mhlawumbi andinabo na obhuti nosisi.

THANDOKAZI: Nje ngomntwana wentwazana eyakhulelwa incinane , ungathini

kumtsha oselula okhulelweyo ?

NOKHWEZI: Ndiyazi ukuba izinto ziguquke kakhulu ukusukela kwiminyaka yo1950, ixesha endazalwa ngalo nam. Ulutsha lwangoku lunamalungelo okunyula amaninzi ohlukileyo. Ndingatsho ukuthi zininzi iintsapho phandl'apha ezinokuthanda ukuba nabantwana ezibamkela nje ngabazo , abantu abafana nabazali bam , abangakwaziyo ukuba nabantwana. Xa ndikhangela emva ebomini bam, ndicinga ukuba yinto eyodwa ekhethekileyo eyokuba uThixo wandikhethela abazali bam ngaphambili kokuba ndizalwe.

THANDOKAZI: Kodwa Nokhwezi, uthini ngenenekazi esele linabantwana abahlanu , libe lingenayo nemali yokubondla...lilodwa , akukho mntu ecaleni kwalo wokulixhasa .Okanye inenekazi elilixhoba lodlwengulo ze likhulelwe ngenxa yoko ?

NOKHWEZI: Uyazi , ngumbuzo onzima noko lowo ukuwuphendula kodwa ndazi nto inye eyokuba lo mntwana amthweleyo udalwe nguThixo nokuba urhangqwe ziimeko ezinjani na. Udalwe ngomfuziselo kaThixo. Nokuba ukhethe ukumgcina azikhulisele okanye anikezele ngaye komnye ofuna ukumamkela nje ngowakhe , lukhetho ekunyanzelekileyo ukuba alwenze. Sisigqibo esinzima eso , kodwa uBawo angamnceda kwisigqibo sakhe. Lo mntwana uxabiseke kakhulu kuThixo.

THANDOKAZI: Mhlawumbi, mhlobo othandekayo , ukuba ungowamkelwe nje ngowabazali bakho , unokuba ucinga ukuba " andifunwa mntu , umama wam wayengandifuni waphisa ngam"Nokhwezi ungamkhuthaza njani umntu ocinga ngolu hlobo ?

NOKHWEZI: UThixo uyakuthanda kwaye ukudalile , awuzazi iimeko awayekuzo umama okuzalayo nje ngokuba nam ndingazazi ezikamama wam. Kwafuneka enze isigqibo esinzima nyhani kwaye andazi ukuba sabuchukumisa njani ubomi bakhe bobudala. Andazi nokuba wakwazi ukuba nabanye abantwana emva kwam. Mhlawumbi angabuyela emva xa ekhangele ubomi bakhe abe nokuzisola , kuba nguThixo kuphela onokumphilisa. Ndiqikelela ukuba sesinye isizathu esindenza ukuba ndifune azi ukuba zange enze mpazamo ngokunikela ngam. Wenza into encomekayo. Ndimthandela loo nto kanye. Xa ungowamkelwe nje ngowabazali bakho , khumbula , ukhethiwe , utyunjiwe. Usenokucinga ukuba ubekho ngengozi , kanti hayi akunjalo. Ukhethiwe...nguThixo , nangabazali bakho.

UMCULO

KHOLEKA: Likho ibali elihle kwiLizwi likaThixo iBhayibhile , encwadini yeEksodus (Eksodus2:1-10). Lingosana olwamkelwa yinkosazana nje ngowayo. Ndiza kusebenzisa amazwi am xa ndinibalisela....

Igama likamama wakhe yayinguJakobhethi. Wayephila ngexesha amaSirayeli ayengamakhoboka eYiphutha. Babephethwe kakubi kakhulu. Babenyanzeleke ukuba

basebenze nzima umhla nomhla. UFaro, ikumkani yaseYiphutha ngoko, wayehlutshwa yinto yokuba inani lamaSirayeli angamakhoboka lalingaphaya kwelabemi baseYiphutha. Ngenxa yoko, waphumeza umthetho wokuba bonke abantwana abangamakhwenkwe abazalwa ngamakhoboka baphoswe emlanjeni bantywile khona , kodwa amantombazana wona ayekwe aphile.

THANDOKAZI: Enjalo yona inkohlakalo ukujoliswa kumaSirayeli !

KHOLEKA: Ewe yayimbi loo nto kakhulu. UJakhobheti waba nosana oluyinkwenkwe ngelo xesha. Wathi akufumanisa ukuba usana lwakhe luphile qete luyinkwenkwe entle, wagqiba ekubeni alufihle iinyanga ezintathu ekhayeni lakhe. Lwafika usuku apho wayengasakwazi ukulufihla usana lwakhe. Walungisa ibhaskithi eyenziwe ngemikhlanzi waza wayityabeka ngebhitumene netywina ukuze ingangeni manzi , waza wamfaka kuyo umntwana wakhe. Waluthabatha ke waya kulubeka engcotyeni, elunxwemeni lomlambo iNile. UJakhobheti wacela intombi yakhe engumtsha uMirriam ukuba ajonge umlambo ngeliso lokhozi ukuze abone ukuba usana lwakhe luphelela phi. Xa amanzi esimka nosana uMirriam ubukele akukho nto anokuyenza ngaphandle kokulila ngenxa yentliziyo ekrazukileyo .Intombi yekumkani nezicakakazi zayo babeze kuqubha emlanjeni iNile ngolo suku. Inkosazana yayiqaphela ibhaskithi enosana yaza yayalela umkhonzazana wayo ukuba alande ibhaskithi eze nayo kuye. Wathi akuyivula ibhaskithi , lwakhala usana olungaphakathi kuyo . Inkosazana yaba nemfesane kulo kuba yaqaphela ukuba lolunye lweentsana zamakhoboka ezigwetyelwa ukufa ngokujulwa emanzini ngokomyalelo kayise.

THANDOKAZI: Unokuba uMirriam wayesoyika kakhulu xa ebona inkosazana iqwalasele umnakwabo.

KHOLEKA: Ndiqinisekile wayothukile esoyika kodwa wacinga ngokukhawuleza waya kwinkosazana wayithembisa ukuyifunela umntu olikhoboka womHebhere oza kuluncelisa usana olo aluhoye mihla yonke.

THANDOKAZI: Kwakufuneka umntu onesibindi kulendima mphulaphuli.

KHOLEKA: Kunjalo. Inkosazana yavuma. UMirriam wazisa umama wabo uJakhobheti ukuba ibe nguye onesa ancilise usana "olucholwe " yinkosazana yaseYiphutha. Yathi inkosazana , " Thabatha olu sana undincelisele lona , ndiza kukuhlawula umvuzo" Hee mphulaphuli, unawo na umfanekiso wale nto eyenzeka apha , imisebenzi kaYehova ! Uvuyo nochulumanco olusentliziweni kaJakhobheti ngulo msebenzi omhle kangaka awongwe ngawo elikhoboka! Mhle uThixo mphulaphuli , anditsho?

Wamsa ekhaya umntwana , wenza ngokomyalelo wenkosazana. Uyaqonda ngoku mphulaphuli ukuba ufumana ithuba lokuncancisa unyana wakhe ngegunya , into ethetha ukuba lo wakhe akazikubulawa.Wamncelisa de kwafika usuku lokumbuyisela

komkhulu kwinkosazana. Inkosazana yamthiya igama elithi "Mosisi" kuba igama lithetha ukuba 'otsalwe emanzini'

THANDOKAZI: Yintoni elandelayo eyenzekayo?

KHOLEKA: Usana uMosisi lwakhulela kwikomkhulu lekumkani yaseYiphutha. Ngokuya ekhula azange alibale ukuba ngunyana wekhoboka. Ifuthe likamama wakhe esemncinane lamfundisa ukuba abe nokholo kuThixo wakwaSirayeli okukuphela kwakhe. Ukuba intombi kaFaro zange ibe nemfobe kuye, ngokumamkela nje ngowayo, uMosisi ngewayengazange awuzalisekise umsebenzi awayewubekelwe nguThixo. Ukuba uJakhobheti naye wayengawenzanga owakhe ngentembeko nangokuzimisela ukumbuyisela kwinkosazana, uMosisi ebengasoze akwazi ukuzalisekisa icebo likaThixo. UMosisi wayenendima enkulu kwidebo likaThixo ebantwini bakhe.

Eminyakeni emininzi eyalandelayo wasetyenziswa ngamandla nguThixo ekubeni akhokhele abantu bakhe baphume kwimbandezelo yaseYiphutha. Le ndoda ibalulekileyo yayamkelwe nje ngowosapho ngumntu ongamzaliyo. Wakhuliswa linenekazi elalingengonina - elalinemfesane.

Lalisazi ukuba ungumntwana wekhoboka, ngoko ke ufanele ukubulawa. Yayingumthetho wendawo lowo; ummiselo wekumkani. Kodwa ngenxa yokuphathwa ngumkhentane nothando, wamenza owakhe waza wamnika ithemba nekamva elihle. UThixo uthi kwiLizwi lakhe iBhayibhile " ***Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani, utsho uYehova: iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininike ikamva nethemba***" (uYeremiya 29:11)

THANDOKAZI: Kufana nendlela uThixo asikhulisa ngayo emoyeni ngokusinika ithemba. Unamacebo obomi bethu ngabanye. Kodwa Kholeka ubuza kusincokolela ngakumbi ngomama kaMosisi uJakhobheti.

KHOLEK: Ewe, uJakhobheti wayelinenekazi elinokholo. Nje ngekhoboka, wayenobomi obunzima. Wayesazana nentlungu, impatho embi, ukubulaleka, ukutyhafiswa nokudandaphiswa, wayeqhelaniswe nazo zonke ezi nkalo. zobomi. O, intliziyo yakhe yayinjani ukukrazuka mhla wabeka usana lwakhe kula mlambo waza walufulathela. Wayengumama nje ngabo bonke omama kodwa yena wayenokholo olungenambaliso. Wayethembele kuThixo kwaye zange avumele ubukrakra buphathe impilo yakhe. UThixo wayihlonipha loo nto waza wabeka isandla sakhe kulaa mntwana onguMosisi, waza wamkhululela entliziyweni yenkosazana. Xa inkosazana idinga umntu oza kuncelisa usana lwayo, uThixo wayilandisela kuJakhobheti, umama ozala usana olo.

Xa simthemba uBawo ukuba uza kusilwela, asinike ubulumko, asisindise enkohlakalweni, uyeza asincede. Kwaye futhi xa singavumeli ubukrakra nomsindo bulawule ezintliziyweni zethu, usoloko esiza uBawo, asincede.

Yicamange le nto. Intombi kaFaro yanika uMosisi ubomi obuhle, obukhuselekileyo

ezimalini. Wamsa esikolweni wamgcina ecocekile emzimbeni ondlekile ngokunjalo. UJakhobheti othandekayo owasebenzisayo ithuba lakhe noMosisi ekumfundiseni ukuba akholelwe aze athembele kuThixo. Wayengenanxunguphalo okanye isixhiba nangona ubomi bakhe babunzima. Wadlulisela ukholo nethemba lakhe kuMosisi. Uyazi , eza mfundiso wazifumana kumama wakhe uMosisi , zezona wazikhumbulayo akuthunywa nguThixo ukuba akhulule abantu bakhe ebukhobokeni baseYiphutha. UJakhobheti wanika unyana wakhe into elixabiso nyhani. Kwaye nokufakwa kukaMosisi phantsi kwephiko lenkosazana yayilicebo eliyinxalenye yeyona ndima inkulu kulo. UThixo wakusebenzisa oku nje ngenye yeendlela zokulungiselela uMosisi umsebenzi omkhulu ozayo.

Ndingathanda ukuba sithandaze ngoku sicele uBawo asincede njengoko wenzayo kuJakhobheti noMosisi kwibali lethu lanamhlanje.

Bawo othandekayo , siyakubulela ngeli bali lihle lethemba esive ngalo namhlanje. Enkosi ngokuba ukwamkelwa kukaMosisi nje ngomntwana wenkosazana yayiyinxalenye yecebo lakho. Sincede sikwazi ukuphemelela abantwana bethu ngohlobo uJakhobheti awenza ngalo kuMosisi. Singa singazimisela ukuthatha ithuba elivelayo , Bawo , sibonise umbulelo kuwe size sikukhonze ngomdla. Sithandaza ngegama likaYesu. Amen.

THANDOKAZI: Masincokole kwakhona kwixesha elizayo mphulaphuli, apha kwinkqubo iAmanenekazi eThemba. Khumbula ukuthemba uThixo kwinto yonke. Usoloko ekhona ecaleni kwakho!

BOBABINI: Ziyolise ngoYehova !